IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE (NATIVEOPINION)

LIHLAULELWA

8G. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, OCTOBER 7,1885. [No. 49.

Amaqanda Esikwenene!

Impahla Yamadoda Namakwenkwana Emaxa-biso Ahlisiwayo Kanye!

C. FENNELL & CO.

Base nazo ingubo Zamadoda abanga zingatengwa zikwelele kupele. Ukuze oku kufezeke batengisa

Into eninzi yebatyi zekodi ezilingana amadoda, amadodana namakwenkwe.

Zihleli zodwa ngobutshipu.

Kukwako Nezezitofu, Nempahla Yamadoda enjenge Hempe njalo, njalo.

Ofuna ingubo ezisisulu makangaqdle atenge napina engayanga kubona o

C. FENNELL & CO., e Maclean Street, e Qonce.

AKUTENGISWA NGASIKWELITI.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

J. HILNER,

Umenzi wentsimbi zamaxesha,

E-QONCE.

Nomtengisi wempabla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi, Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha ae.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjenga-manzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,

E-QONCE

AMALAHLE ASE NDWE.

A BANIN I balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80. ‘

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.
Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni ʳamalahle nasekuwatulenij|e.7Komani.
Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

Paula oku!

JOHN CHARLTON,’

Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa- Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

UYAZIWA. AKUFUNUKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwa- nanwa kwezi qiniselo zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke'nemali engamatyala.

Kubabaleli Bam.

ABAHLOBO bam abase Koloni nabas- Natal bayaziswa ukuba incwadi aba- ndibalelayo zifika apo ndikona xa zenjiwe nje.

SOLOMON KUMALO,
Kleinfontein, near Ladysmith.
Natal.

I August 22nd, 1885.

EDWARD KELLY

Umteteleli kwinkundla yama tyala,

Ubuta imali ezizikweliti, ayitu- mele kubaniniyo kwaoko

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwinkundla yoma- ntyi.

Umvuzo awubizayo mncinane

I Ofisi: LADY FRERE.

E. W. ROSE-IWES,

Ufmteteleli-Ematyaleni,

WEMVUMELANO, Umanani Weziqiniselo LONKE UNYAMEKO uyalnnikele ekute. teni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno. kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqini. selo somhlaba unokwenzelwa. Lemise" benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

Amayeza ka Cook Abantsnndn.

—UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange. lise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK lyeza Lesisu, Nokusasazo.
1/6 ibotile.

Elika

COOK lyeza Lokukohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile.

Elika

COOK lyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

Ezika p

COOK Ipils,
1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.'

Oka

COOK Umciza Westepu Sabant- wana.
6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo.
6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Ololiwe bakwa Rulumeni—base Maxhoseni.

Ukuhamba kwe Treni ngezimini zimbalwa pakati kwe Komani ne Alvani.

'VTGENXA yezimvula zisand'ukuna, kugqitywe ekubeni ke kungatwalwa bahambi nge Treni zangokuhlwa kwisituba se Molteno ne Alvani, kuyaziswa ke nkuba knqala nge Cawa, 4th October, de kubuye kwaziswe Itreni emelwe kusuka e Komani eya Alvani ngo 8-45 ngokuhlwa ngo Mvulo, ngolwesi-Tatu, ngolwesi-Hlanu. nango Mgqibelo, nesuka e Alvani eya e Komani ngo 8'30 ngokuhlwa nge Cawa, ngolweai-Bini, ngolwesi-Ne nangolwesi- Hlanu azisakuhamba. Endaweni yoko kuya-kuhamba ezi Treni eziyakusuka e Komani ziye e Alvani ngo 9 5 kusasa ngo Mvulo, ngolwesi-Bim, ngolwesi-Ne, ngolweai-Hlanu, nango Mgqibelo. Zisuke e Alvani ziye e Komani ngo 8 40 kusasa ngo Mvulo, ngolwesi- Bini, ngolwesi-Ne, ngolwesi-Hlanu nango Mgqibelo. Zihambe ngamaxesha amiselwe ezinye itreni ezihamba ngemini.

Amaxesha okuhamba kwe Treni pakati kwe Qonce ne Monti ne Komani awasaku guqulwa, kodwa kuyakwenziwa imigudu yokuba abahambi abavela e Alvani nge Treni yo 8'40 kusasa ngo Mvulo abeza neno kwizitishi ezingapaya kwe Komani abatanda ukwenje. njalo bahambe nge Treni yempahla esuka e Komani ngo 7'10 ngokuhlwa nge Mvulo ukuba kunokwenzeka. Kobuya kwaziswe xa i Treni zizakuhamba ngokunye pakati kwe Komani ne Alvani ngokwamaxesha amiselweyo.

T. R. PRICE, Umpatiswa.

E Alvani, October 2, 1885.

NDALAHLEKELWA.

ZINKOSI bonisani umfana ogama lingu, PETER DAMAN waye gwetywe yijaji wanikwa iminya emihlanu 5 years ngoku seleneminyaka esixenxe engeko. Apo waye siwe kona kusesi qitini abati yi Robben Island. Soloko wemkayo andiva nofifi olu ngaye ngumfo ontsundwana oli- rwanqa wemka apa eminyaka ema 25 une- ngqiti kwiminwe yase kohlo ku cikicane, ulinxele ofuna ukundilandisa wobhalela kwi ofisi ye *Mvo Zabantsundu,* E.Qonce.

JOHN MCINGA.

Dordrecht, September 25, 1885.

Kubakhandi-Bhekile.

KUFUNWA umfo ontsundu okwaziyo kakuble ukukhanda ibhekile, nkuba ayekupata udodana olufundiawa lomsebenzi kwi Simnari yase Buntingville (e Cumgce) Emampondweni. Umvuzo yi £50 ngonyaka kwakunye nendlu, nentsimi. Abaufunayo umsebenzi lowo mabatumele kwakunye na- mapepa ezimilo ku Bev. J. S. Morris, Umtata ngapambi ko 20 October lo. Kufunwa indo- dana engatati manzi, itshatile kungalunga okunye.

Buntingville, Umtata, 1 Oct., 1885.

Umanyano Nge Mfundo.

N. E. A.

AMALUNGU olu many ano awane ngxo- xo (notices of motion) anga zinga ngena; kwa nababe nyulelwe ukuba ze balese amapepa kwi ntlanganiso eyoba se Rura, maka tumele amagama engxoxo zawo ngelixesha lika October no November, ukuze zaziswe Emapepeni.

Mazitunyelwa ku

BENJAMIN SAKUBA,

Perksdale, P.O.,

Iqibira.

Ndicela Amehlo Nendlebe.

KULAHLEKE amahashi am ngo August 7, 1885, ndandilele e Klosane Emaxe- sibeni kwasa engeko omabini inkabi ebomvu eronayo ngempumlo ukupefumla kwayo, no- kuba ayikwelwe, ungayiva irona kakulu kwa usemgama, negama layo ngu Rona, nenye inkatyana egwangqa enqina limhlope nge- mva, linye inqita elimhlope, inopawu kwi. ndlebe yenene, iminyaka yalo lipete owesi- tatu. Ote wandilandisa kakuhle wovuzwa kanobom, ove into ngawo angatumela Emfn- ndisweni, via St. John's River ku

MR. JONATHAN NGUNGWINI.

25 Sept. 1885.

KWA G. WHITAKER, kwi- venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-njalo.

Iveki.

IQALE ukuteta ijaji e Qonce apa ngolwesi- Tatu 3 Sept, yenza into yanye yayakugqiba ngo Mgqibelo ngokuhlwa. Igqweta le Nko- sazana ibingu Mr. Blaine.

ABAGWETYELWE ukuxhonywa yi jaji apa e Qonce batandatu —yintombazana u Tapsi Mbingo ebulele umntwana ebisand' ukumbe. leka kuba ibisoyika nmzali. Ibicelelwe inceba noko yijuri. Ngo Nomsiti. Logengea, Rayiya, no Mzizi ababulala u Jubasi kwesi- Ra Makaula e Tshungwana nowesakwa Baca apo owabulala kunye no Mnyateli u Satana kuba kwatiwa ngu Siyazi abantwana baka Mnyateli babulawa nguye.

INKOSI enkulu ya Mabaca, u Makaula ube- ko apa e Qonce ngomcimbi wamatyala avela kwesake.

U MAQASHOLO no Nolentyi base Mkwinti, pesheya kwe Nciba ebekutiwa banetyala lo-kubulala umfazi omkulu ka Maqasholo (u Nolentyi ngomncinane) babonakele pambi kwalejaji nabo. Usindile n Maqasholo ngo- kusuka kungabikq pungqina bokuba uhlabi- le, umfazi ugwetyelwe iminyaka emine embandezelweni kuba esuke wati nguye owamhlabayo kodwa babesilwa engangxa- mele kumbulala kodwa. Ubuye wakanyela kanye umfazi wati amazwi lawo nbewanikwe ligqweta u Mr. Gontshi; umfazi lowo wahla- tywa yindoda. Ijaji isate iyakuyicedulula into leyo.

IMVULA ike yana kanobom ngolwesi-Ne nangolwesi.Hlanu Iweveki egqitileyo.

INTLANGANISO yonyaka yabafundisi aba-ntsundu base Wesile bomandla wase Bini iyakuba se Nxukwebe ngo 28 Oct.

AMANYE amatyala abengawokuba ate ohlwaywa ikakulu ngekatsi namaxesha ate tyi entolongweni.

KWA Ndlovukazi kubikwa ukubhubha ngo 24 September, 1885, kwendodana ebisand' ukutabata umsebenzi wobutitshala kona, igama layo ngu Mr. James Mkwane. Yayi- funde e Nxukwebe yapumelela nge competency ngonyaka odluleyo.

U MR. SCHERMBRUCKER ufike e Kapa ngo 30 Sept, ukubuya kolntyelelo ake walwenza kweli lase Maxhoseni.

IMPI yase Xonxa yale impela ukufudukela ku Tsolo. U Mr. Frost ubetunyelwe ukuba aye kuyizama, asuka amadoda amadala ati selexolele ukuba abulawe yindlala e Xonxa apo kunokuba aye kwilizwe angalaziyo.

U MR. UPINGTON kutiwa usahambele kwe-lakowabo elama Irish.

IRULUNELI yazisa ngokubalulekileyo uku- ba imida yela Bahlambeli yiyo le :—I Transvaal empumalanga, i Koloni ngezantsi, ngentla nangasentshonalanga ngumlambo oyi Molopo.

U MAJOR ELLIOT, umantyi omkulu wela Batembu usahambele ku Sarili.

ABAMNKELI be *Mvo* abangekahlauli baya-ziswa ukuba imali yabo yokuxasa ipepa ili* ndelwe kakulu.

KUKO inteto yokuba kuko abantu asebe- bulewe yingqakaqa kwisitili ease Bofolo.

ABAFUNDISI abaguqula Izibhalo bebehla-ngenengo 1 Oct. bayakuti ga ngeCulo le civ. Abebeko ibingo Rev. A. Kropf, Rev. B. Ross, no Rev. E. J. Barrett.

ITIMITI ya Mswesile ngolwesi-Ne olugqiti- leyo siva ukuba yahambiseka kakuhle. Isi- ko lokutumela itikiti kubahleli bamapepa endaba ukuze batabate indaba, alenziwanga, ngokoke asinangxelo singayenzayo ngomgco- bo lowo.

IMALI ka Rulumeni apa eku £400 eyayi. lahleke mhla ikari ka Mr. Dreyer yabukuqeka e Vetklep Rafil ngase Tsitsikama ifumani- sekile. Kutunyelwe ababanjwa wakuwuta umlambo ukuba baye kufuna yafunyanwa ixiuge pakati kwamatye omabini.

U RE*. W. BUXTON PHILIP, B.A., wase Kapa umiselwe ukuba lilungu le University Council endaweni ka Ven Archd Badnall, D.D., obuyele e England.

AMANYE Amangesi ase Bofolo acela u Mr. Wase Bayi Godionton ukuba afunzele indawo ka Mr. Laing ngolunyulo luzakubako.

UMZI ukangelelwe ukuba uhlaule inkozo zepepa ukuze umsebenzi uqubele pambili.

KUKO inteto yokuba u Rev. Canon Wood-rooffe, M.A., uza kupuma ekubeni ngurnfu- ndisi wase Somerset selezakutabata ubuhloli bezikolo kupela.

KUVAKALA ukuba ezimvula zine kwindawo ezininzi.

U REV. CANON LIGHTFOOT wase Kapa umiselwe kwibakala lobu Archdeacon endaweni ka Ven Archdeacon Badnall. Abahlo. bo abaninzi baka Ven Archdeacon Lightfoot bayakuvuyiswa bakuvaoko.

IVUKILE kwakona ingqakaqa e Alvani ngolwesi-Hlanu babini abababesebehliwe kwi lokeshoni yakona.

ITYALA lo Rev. J. D. Don no Mr. G. A. Hay, liyakutetwa e Rini ngo 10 November ozaya.

SEBEKWISHUMI linesi bozo abehliweyo yi-ngqaka qa e Dayimani.

E-DAYIMAN kumiselwe ukuba koti kwa-kubetwa intsimbi ngexesha lesitoba ngokuhlwa kungabisahamba mntu mnyama kwelo dolopu.

U Mr. SHIPPARD kuvakala ukuba unduluke ukusinga kwela Bahlambeli ukuyakutabata indawo yobu Ruluneli ngolwesi-Hlanu.

UMBONA e Tekwini uhamba kwi 12/6 ngenxowa.

AMALAHLE kuvakala ukuba ako e Colenso, e Natal, nakufupi nebala le Marike e Mgu. ngundlovu.

KUKO umntn ohliwe yingqakaqa Enxu- kwebe.

IKHABA le *Champion C. C.* eliya kudlala na Mangesi e *Kaffrarian C. C.* ngo Mgqibelo ngo:—Austen Ngcumbe (capt.), E. B. Soga, N. Bovana, Warner Ganya, William N. Seti, J. Sidaia, T. Zondani, N. Zondani, 8 Nini, Eleazer Maputi, M. Xhelo. Kuyakudlala negubu lamajoni xa kudlalwayo. Abe *Kaffrarian C. C.* abayakudlala ngo W. J. Tully, W. McCormack, W. H. Evans, H. L. Davies, H. S. Smith, H. Bailie, C. Egan, E. P. Schermbrucker, A. Giddy, W. R. Irvine, no Fleicher.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, OCT. 7,1885.

UNCEDO ENDLALENI.

GENDAWO yokuba sikwanga-T.N bantsundu, singuwona mlomo wabantsundu kanjako kubete kwasi-[4] nqabela ukwenza ingxolo malunga- na nokuba umzi ufunyaniselwe unce- do kulendlala ikoyo. Kambe umzi awunabango kuba noncedo olunge-nziwayo lungaba sisisa kodwa imo yalo. Siseuza ingxolo apa beku- ngatiwa " Hleliwenjebeningazixele- '' ngelinje, abanye bexelenga, beni- " ngadli nibekanje kukuba beni- " kangele ukudla into zabanye na ?" Ukuteta ke kweletu icala bekuya- konakalisa kunokunceda.

Kuko ukunyikima okutile kodwa ngoku okubonisa ukuba umzi unga-bangancedwa abantsundu. Umzi omhlope uyayibona into yokuba ngenxa yelanga nembandezelo, ufa- nele umntu omnyama ukubhaca, ne nto yokubhaca kwabo iyakupitizelisa yonke intlalo yabantu belilizwe, abamhlope nabamnyana. Siyawa- bulela amapepa Amangesi—ngaku- mbi awase Dikeni i *Alice Times* ne *Christian Express,* ngononelelo Iwa- wo ukwalata kulembandezelo. Ku- sicwayitisa ukuqonda ukuba imfu- neko yoncedo iyabonwa. Kunjalo- njeke ngati kuyakusifanela ukwalata eyona ndlela yokulwaba unce- do olo. Sibona tina ngati uncedo oluzanywayo ngu Rulumeni nangu- mzi omhlcpe luyakuwuposa umzi. Ngokusuka i Palamente ibeke nxa- mnye ixabiso le £2000 lokwenza indlela ngokoke asikukuba ikugqi- bile okufunekayo. Abati oku kwa- nele ngati sibona tina basatyekile kweyona nto. Bacinge ngokuti fan' ukuba umzi upelelwe yiyo yonke into nangamaqinga. Kanti akunjalo, abantu ekusweleke iqinga ngabo ngabadala nemilwelwe, inkomo ngazinye beziseko, nakuba zimi-nyeleke ekutengisweni nasesifeni, abanye bona bebesahleli ngetemba lokuba ingati linile babe nokuhlwa- yela —eyona nto iyakuba nokuba- nceda. Kusweleka kwembewu eyona nto ingamandla. Silusizi ukuba u Rulumeni engenakuyiqo- nda lento esuke yena wajokisa nge- ndlela le yenqwelo. Ngati kwesi- situba kungasifanela ukuba sibulele u Mr. JOHN J. IRVINE ngoncedo alwenzileyo kwabo bakufupi naye ukubazuzisa imbewu. Kwanoko kuqaliweyo e Lovedale nakwidolopu yase Dikeni— ukubuta inkozwana zokuncedisa kwelituba kuyakugqi-tisela ngapezulu kunamazwi amaninzi osizi angaxaswe zenzo ka Rulumeni. Njengoko sika- ngeleyo kumhlope ukuba umsebenzi wasendleleni awusayikuyiwa bani kuba abantu kejonge ekuhlwayeleni kuqala; begqibile ukwenjenjalo asinamatanda bayakuwufuna umsebenzi. Ngati kuti basahleli emga- qweni ngokwenjenjalo ; kuba indo- da ikushiye ngasemva ukuhlwayela yasuka yaya endleni iyakuba inge- na ivale amehlo kubungqiba bakwa- napakade. Zizo ezike izibakala ze- mbandezelo, esitembayo ukuba aba- hlobo betu abamhlope bayakuzi- iaula, baqube eyona nto iyakuba uncedo, ukuze umzi usinde. Kade xutetwa betshabalala bona abantu.

Amanqaku.

IMPI yakowetu ese Bofolo nase Mpofu ibinga ingefumane imlahle u Mr. Dormer yakuva ukuba Amalawu ase Katala awe ngaku Hutton. Uvakalisile u Mr. Solomon ukuba akakakhataleli kuya e Pala- mente. Into leyo ke elusizi kuba tina sicinga ukuba ngomnye wamadodana amatsha ayifaneleyo kanye i Palamente. Indoda ekwalingana no Mr. Solomon ko- kwetu ukwazi ngu Mr. Dormer, esiti ke umzi ontsundu mawenze konke onako uyivotele iye apo e Palamente. Xa i Bofolo lingenakumtumela asifihlisi nto okwezetu iziqu, asisakukhatala kuyapi yenye indoda engati inyulwe ngabantu base Bofolo, kuba singaboni luncedo naku- yipina, ngapandle ko Mr. Dormer no Mr. Solomon, kula apambi komzi eyakuba nento eyiyo eyenzela abantu abantsundu.

NGENXA yokungavani nemvo zika Mr. Solomon i *Eastern Star* elinye lamapepa ase Rini, izama ukubonisa abanyuli base Bofolo ukungafaneleki kokuba batumele u Mr. Solomon, ide yafumana yaxela into engeyiyo yokuba u Mr. Solomon uzaku- suka e Rini ayekuhlala e Kapa indawo engateni namalungelo elilizwe. U Mr. Solomon ucele elinye ipepa lase Rini apo i Journaiukuba libike ukub'akuko nt' injalo acinga ngokuyenza. Ade atete ubuxoki amanye amapepa xa selezitiyile imvo zomntu—into esinosizi ukuyibona.

KWA eli pepa lase Rini limangalisiwe koko liti kukuhatahata kwetu nsasekohlo nasekunene, kuba lisiti sivakalise usizi ngokupuma kuka Mr. Laing e Palamente kanti sizamela ukuba kungene endaw^i* yake umntu oyakuncedisa icala anga^^ nga wavota nalo u Mr. Laing. Elipepa alisivisisanga, kuba saposa umnqwazi pezulu sakuva ukuba upumile u Mr. Laing kuba sisiti ungomnye walomalu- ngu akanyiselweyo e Palamente ancedisa Amabulu ukuba ahambise imiteto yawo engabhadlileyo. Ukuba Amabulu ngawo apete imicimbi yelilizwe siti tina mawa-ngene alawule ukuze yaziwe nguye wo- nke into afuna yenziwe. Ngapandle koku akuko tern ba pantsi kwalempato.

KWA i *Star* yenjenje ukubhala ngom- hlobo wetu u Mr. F. j. Dormer,—" *Imvo* iva ukuba u Mr. Advocate Solomon aka- namnqweno wokuya e Palamente, nje- ngokuba isiti abona bantu bafanelekileyo ngu Mr. Solomon lo no Mr. Dormer ukuba umhlobo wetu u Mr. Dormer uyaku- xaswa nali Katala uyakupumelela. Be-singavuya isimanga etunyelwe e Pala- mente u Mr. Dormer ukuba ibingenguye Umntu wase Kapa; besingadesiyiyekelele neudawo yokuba ingowase Kapa ukuba ubengumntu ongacase uSpriggnoUpington kangaka,kuba sisiti tina ungomnye wa- madoda anamandla ebucikweni kwelili- zwe,akuteleyo kuneuto eninzi ekoyo nge-zimini." Sibona ukuba elase Natal li- mncoma ngokalipo limfanise no Lord Randolph Churchill iroti le Palamente ya Pesheya. Siyazi ukuba evotelwe uyakuba yiyo lonto.

SITUSWE kunene ngamanqaku enziwe lipepa ebelingumldobo wetu ixesha elide, ngomtandazo webandla lakwa Bidli eli- wenze kubapati bomzi ngeveki engapa- ya. Ngenxa yokuba amadoda akwa Bidli esuke enza isicelo sokuba ake apiwe ixesha mayelana nomteto werafu yenkomo ezigqite esineni nebokwe ezigqite esi- tandatwini, nokulia kanjako avunyelwe ukuba abe nenkomo ezisibozo nebokwe ezingapezulu kwezizimiselweyo, nokuba nawo avulelwe ilungelo lokuba adlise kuzo zonke indawo pakati kwe komaneji yase Qonce—siti ngokusuka axele zonke ezizi- nto, ngokoke i *Mercury* iti esisicelo asi- bqnisi ukuba abantsundu bayalamb; . Ziko ke nezinye izinto ezingemnaudi ezi- tetwa ngumbhali walamanqaAu, kodwake kwauele xa salate kulendawo yodwa. Le- nteto ibonisa ukuba ngokwalombhali uku- ze kube nokutiwa umzi uyatshabalala make tanci kungabiko nenkomo yokubika Inteto enje ibingaqondakalayo ipuma twipepa elibutshaba kwabantsundu, si-mangalisiwe kodwa ukuba ibonakale kwe- lika Hay. Ngabatanda ukubona umntu ontsundu ebhadula abanga angahlwe- mpuzeke ngoluhlobo pambi kokuba ba- mncede. Ukuhlekisa ngenyaniso yokuba abantsundu bepile ngempahla lombhali uti lonto " yintsomi kodwa." Kuyazeka kuye wonke ukuba inkomo azixeli kusi- keleleka kwabantsundu, kuba azinaxabiso xa zitengiswayo, enye into inkomo ilu- ncedo ekulimeni. Egameni labantu bakwa Bidli masibulele u Mr. F. Tudhope no Mr. Newing ngokubamela abantsundu kumalungelo abo.

Ukumiselwa Kwabafundisi.

[NGOBEKO.]

U Bishop walommandla wase Rini ebe-nenkonzo yokumisela abafundisi abata- ndatu e Bayi, ngomhla wa 30 ku August 1885. Inkonzo leyo yangena kulotyalike- kazi inkulu yamajoni ingase Gantolo, ekutiwa yi Saint Mary's, ngentsimbi ye 11 a.m. Kwabe bekuko Umtendeleko kusasa ngentsimbi yesixenxe, ekwakuko kuwo inxenye yababebekwe izandla kwiveki eyandulelayo. Kute kwange- ntsuku ezandulelayo kwalungiselelwa abantu abavela.kwezinye indawo izihlalo, kuba kwakulindelekile kakadeni ukuba ityalike iyakuxinaua ngobuninzi baba- ntu. Kwabe kananjalo kulungiselelwe na- bantu abantsundu abezayo ukuzakubona lomsebenzi wokunyuselwa ebu-Pristin, kwamadodana amabini ohlanga KM u Rev. William Philip no Rev. IBn Maigas. Lomsebenzike wokuny usela abantsundu ebu-Bingelelini (priesthood) awenziwanga ngapandle kwenyameko, nenzondelelo, kwanembuzo ezicikideki- leyo. Isiqiniselo sobunyaniso bendawo yokuba konke oku kwanelisile, kwaku-nye nohlobo oluncomekayo abapendule ngalo imibuzo eqata eyabekwa pambi kwabo ngabavavanyi, u Venerable Archdeacon White, M.A., Rev. Chancellor Espin, M.A., no Rev. A. T. Wirgman M.A.,D.C.L., sisazisiwe ngomnye wabo abavavanyi.

Nge Cawa kusasa abavumi (choir) be- tyalike engakwelocibi lingase Maxambe- ni (S. Cuthbert's) baditywa nabase Saint Mary's. Lwangena ololudwe lude ku nenelutshokwezimhlope (Surplices and cassocks). Emva kwabaculi yabangama- dikom omatanuatu azakungeniswa ebu- bingelelini, u Rev. C. E. Mayo wase Saint Mary's, Rev. M. A. Maggs' umnot disi wase Herschel, emantlan' e GgqiH

Rev. D. D. Austin, owase Richmond, Rev. John Catling, wase Adelaide, Rev. William Philip, owase Saint Barnabas' Mission e Batenjini, Rev. Daniel Maigas, wase Saint Stephen's Mission Port Elizabeth. Emva kwabo yabangu Rev. H. H. Ryland, B.A., inkulu ye Diocesan Grammar School e Bayi, Rev. J. F. Sinden, wase Adelaide, Rev. J. D. Robinson, M.A. umncedisi wase Saint Mary's, Rev. A. T. Wirgman, M.A.,D.C.L., inkulu yase Saint Mary's, Rev. Chancellor Espin, M.A., inkulu ye Saint Andrew's College Graham's Town, no Ven Archdeacon White M.A., elona gosa likulu le Bishop. E- mva kwabo kulandele i Bishop itsho kwisinxibo sayo sokubingelela (cope), nomnqwazi wayo (mitre), ipahlwe ngu Rev. W. H. Turpin (u Fikizolo), no Rev. Father Simeon, M.A., i-chaplains zayo. kwaye kuvunywa eliculo la 431,

Mpati omkuln Mgwebi
womhlaba Ozinynlela
Abalambati; Obutyebi bako
Bungapeliyo Bupatisw' umhlaba
Nento ezingento. &c.

KUR emva komtandazo kwashunyaye- Iwa ngu Rev. Chancellor Espin, M.A., umfundisi Zibalo, owayitabatela intshu- mayelo yake ku II. Korinte, V.—18. Wabonisa kakulu ukuba umsebenzi wobufundisi ungoka Tixo asiwamntu utandileke u Tixo ukuwunikela nokuwu- patisa izityа zodongwe lomsebenzi woku- xolelanisa Yena nehlabati, ukuze uku- ncamisa kwamandla hungapumi bantwi- ni, kupume ku Tixo. Siyatemba ukuba iyakushicilelwa nangenteto ye Sixosa, asitandabuzi ukuba iyakuba luncedo na kubantu abantsundu.

Ekupeleni kwentshumayelo u Archdeacon White ubadwelise pambi kwe Bishop abo bazakungeniswa ebu-Binge- lelini, wabanikela kuyo ngalamazwi:— " Bawo obekekileyo ku Tixo, ndinikela kuwe ababantu ukuba bamnkelelwe ebubingelelini (priesthood)." Kulandele umtandazo otandazela abo bazakubekwa izandla. Emva komtandazo kuhanjiswe Inkonzo yo Mtendeleko. Indumiso ziha- njiswe ngohlobo Joluncomekayo kanye- Okuke kusisiqamo semigudu ka Rev. C. E. Mayo, nomdlali wohadi u Mr. Dixon. Incwadana yafuudwa ngu Rev. Chancellor Espin, M.A., Ivangeli lafundwa ngu Venerable Archdeacon White, M.A.; emva koko babuzwe imibuzo abazaku- ngeniswa ebubirgelelini ngu Bishop, ngohlobo apa olwarazula imibilini yaba- ninzi, zaza nempendulo zabanokuviwa nangabangasemva kubo bonke. Ute akukova ukubuza wacela ibandla ukuba litandazele abo bazakumiselwa ebufundi- sini obupakamueyo, kwatiwa qutu umzuzu otile. Emva koko kuvunywe u"YizaMoya ongcwele" *(Veni Creator Spiritus)* beguqile abazakubekwa izandla, Kute kwakugqitywa babekwa izandla ngu Bishop, baye besisa izandla zokune- ne bonke abafundisi ababeko. Waye u Dr. Wirgman, omnye wabavavanyi, emana ukunikela i Bible zabo babekwa izandla ku Bishop, zayeke ezi Bible ngazinye zineziqiniselo zabo zobu Bingeleli *(Letters of Orders).* Bateke bakugqitywa ukumiselwa baya ngendawo zabo, yaqu- kunjelwa eyo Mtendeleko inkonzo. Abafundisi nabaculi (choir) bandululwe ng₀*Nunc Dimittis,* " Nkosi sindulule isica- ka sako ngoxolo." Yabake iyapela inkonzo enokucingwa ngentliziyo kuno- kuba ixelwe ngamazwi. Ekungatanda- buzekiyo okokuba uninzi Iwemnka ne- zinto ezilungileyo oluziboneleye noluzi- veleyo.

Impawana.

Knmhlope ukuba umzi udiniwe lucuku oln luzibonakalisileyo pakati kwelipepa le Mvo nelase Dikeni, obelungeni kakade. Ukuze ke nmlilo ungavut.i okunye sifike kwisigqiho aokuba zouke incwadi zababhaleli eziteta ngalo singabisazingenua kwelipepa. Siya- temba ukuba umzi omkulu ofunda *Imvo Za- ■bantsundu* uy akusixolela ngelibakala. Se. kubonakele ngokueacileyo kanjako ukuba uvunduvundu olu aluzona mvo zabantsundu.

***

Kumnandi kakulu ukuba lengxabatshitshi iqukunjelwe ngelizwi eliwe pakati kwenteto • eninzi embi yelipepa lase Dikeni ekwangeMvo. Esaqalekisa u Bilame wase Dikeni upulukwe iolilizwi lokutamsanqeliaa—" Hayi ipepa liyolile *Imvo Zabantsundu.* Yinto oti waku. gqiba ube eelunga kungafika elinye." Emva koku kucace okunye kuti ukuba inyaniso ^sinto itahabalalayo oko ingatahabalalanga .pantsi kwamanqina e *Sigidimi* ngolulwabici. Kulenteto aiti: Amen.

Siyaqokela siti njengokuba kulinywanje mawulumnke umzi ukuba zizike ipuluwa etnhlabeni. Mbangi yoku kukuba imvula ingento iseloko isina, ekuti noko iyiminyaka yemvula angapeli won' amalanga enyanga ze- jnkanga nomnga, abeta kupantse ukusweleka itemba malungana nokudla okuselikhaba. Intok'e encedayo kukuba ingcambu zokudla zendele, oku kunokwenziwa kukulima oku- nzulu kupela.

***

Nakumavo asifnmani ukuba yinto eyaka yahlutnisa uhlanga ukuba Iwayame ngolu- nye, entweni zonke nangamaxesha onke. Oku kuvele mhlope mayelana nalembande* zelo ikoyo pakati komzi ontsundu. Umlu- ngu akancedi. Asibhekise nto kuncedo olunjengolo alwenzileyo umfo ka Aluveni kweli hse Maxhosem kuba onjengaye akako. Sibekiselela kuncedo Iuka Rulumeni aeuke abanyazee abantu ukuba nabanenkomo mabaye kulandlela yoncedo yayame ulwa- ndle—into eyakubeta ukuba umntu onosapo angabnye ahlume intsiba, kuba ingalimanga ngoku indoda iyakuba likoboka pantsi kwa. xnanye pgetmnyaka ezayo. Yiyo lonto na

ke efunwa ngu Rulumeni kulomzi untsundu, lento anyanzela namadoda anentwana yempahla emakaya afuna kodwa uncedo ngembew a ukuze apile de kuvunwe ingqolowa ? Sitsho ngokoke ukuba olunye uhlanga alunakutwala olunye kude kuyepi. Yintonina ke emayilingwe ngalento yokusweleka kwembewu ? Kwi akile zetu zezaziso kuqale ukubonakala ngeveki edlulileyo isaziso so Messrs Johnson &Co. abati batabata iponti ngengxowa. Ukuba ke besingabantu abazitembayo bekungake kubutwe inkozwana kwimizi ngemizi bati abantu batumele tile kwelo la Maxesibe–ilali nganye ibe ne. nqwelo kutatwe ingxowa ezo kuzokulinywa. Ukuba kulilwa ngokungabiko kwenkabi ma- kuhambe ngolwandle ukudla kungeniswe kwicweba lo Mzimvubu kuzokupuma e Monti kuze apa ngololiwe:

***

Siva ngomhlobo wetu bamnyama ose Kapa ukuba kuko itemba lokuba kunokubu- twa inkozwana ezitile kulomzi ukunceda indlala nentswelo le ikoyo. Ezinkozoke bezinganceda kwinto ezinjengezi.

♦ , . t.

Umoya ayitabate ngawo umbhaleli u " Vazidlule " ingxoxo yokwenziwa kwabafundisi nabasebenzi abasezidolopini ihotele zendwe. ndwe zangapandle, mhle kanye; Into le ifanele ukukangelwa. Inkulu irafu erolwa ngababantu iveki zonke ngenxa yendwendwe ekungemcimbi wabo ukuzilungiselela. Ma. ninzi amaxesha ati umntu kwezinkulu intsizi agqibe ekubeni woyidla intsuku ezintatu into nosapo Iwake kusuke ngenxa yendwendwe kubonakale idliwa mininye! Amele umzalwana ekangele maqinga wambi ngexe- sha anga.eba ebesapumle. Indwendwe zona azingehekwe tyala bani kuba sazeke zisiti ziyakubona u mhlobo wazo ezatngqibela kuda- la kanti ziya kumntu oselentliziyo irara loluhlobo Iwenxwaleko kuba kungeko lusuku lupakati—ziti zimnka ezi zibe zifika ezinye Atiuina ke ukupila umntu ?

Simana ukuyibuyela njeke lendawo ku- kuba singa nabangapandle bangaxela u" Va- zidlule " bayisabele lento kuba abantu be- dolopu sebekolwe yeyokosa;

♦

Situnyelwe ngumhlobo wetu incwadi " Yamazwi Esiyalo " abekiswe eramenteni yabantsundn base Wesile. Siyilesile le- ncwadana, —siogati ngayo nakuba singe- bantu abanokuzingca ngokwazi inteto ye Sixosa, esalencwadana sipambukile kwinteto kwanjengazo zonke incwadi zakwa Wesile zabantsundu. Kwinto eninzi elungileyo eyalezwa ebandleni ngabafundisi sivuyiswe kunene ukufumana ukuba kwalatwa nakwi- nto elihlazokazi elikulu lomzi wakowetu, lokwenza indlu yomfundisi inkundla nenta- nga. Tina base dolopini asindlu yomfundisi yodwa elikaya lend wend we kodwa neza- banye abantu abasuke banelishwa ngokusu- ka baziwe.

***

